# Maibuye ! I Afrika ! Awu !

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Kade simemeza naso isijwili sako ke
Afrika ! Ntsimi ye Afrika,
Wadliwa zintaka ke wahlakazeka umi
kodwa wena ungazange umke
Amazwi atshile kuk'uk'waza wena
sigqibe lamazwe sikwaz' inikisi,
Yonanto ifunwa zintaka inkuku kusa
ziqondele kuhlwe zingay' boni.

Simi ngama Kapa simemeza wena simi
ngama Bhai simemeza wena,
Simi ngama Rini simemeza wena zi-
kwako ne Tasi zinonodyuwana.
Siselel' ukufa sibuyisa wena sikubamb'
amehlo siti awuboni,
Umnke ke impela ubuyele emva za
sikubuyisa ngalo ishwangusha.

Uti Maibuye ? Makubuye wena izizwe
zomhlaba zix'witana ngawe,
Zipuma e Node zipuma e Sude kwas'
empumalanga nase ntshonalanga.
I Afrika ihleli ayiyangandawo kangela
enc'eni wofik' isahluma,
Kangel' imitombo yamanz'' isatsitsa
kangela yonk' into imi ngendlela.

Woz' ufe na gxebe ungeko entweni
wake nyizililo uti maibuye,
Makubuye wena woshukuma nomzi
zibambe nendaba zime nge Jeriko.
Kautsho ! Afrika kwakumlambo munina
ap' umnt' engazinto ati maibuye,
Kuba ndibonanje sinempau zonke esi-
hamba ngazo zasebudengeni.

Simi ngama Monti sikony' izililo simi
ngama Dike sikony' izililo,
Sezizw' ezintsundu ngapantsi kwelanga
u Satan adane kutshone nenkaba.
Aninalutando ! Animanyananga ninga-
b' onxazonke abangenacala,
Nikwango ntamnaniopembabeshiya ni-
yek' amawenu nincedis' umlungu.

Nikony' izililo ? Niti maibuye nopala
nisopa makubuye nina.
Akuko nasiko lakumisa umzi akuko
bukosi akuko ntwisento.
Seninje ngenkumbi zisele kwezinye na-
shiywa bubuzwe nashiywa bubuntu
Nashiywa yimfuyo zonke ezo zinto se-
nisixolisa ngo Cimizingqala.

Uti maibuye ? Makubuye wena wo-
nwaya intloko ulila ngabani,
Nanko no Ntsikana kade akutyela zu-
yeke imali siqu sempundulu.
Mfondini wotutu lwakud' e Afrika wa-
zonela ngani ? Pambi ko Yehova,
Nalo ke ne China lize ngemitombo nalo
ke ne Kula lize ngama empty.

Ukony' izililo ? Makubuye wena sala
ukutyelwa sabona ngolopu,
Ukumbule apo waw' uvela kona ufun'
osiyazi bahlab' ezintloko.
Taruni zinduli zase South Afrika baf'
abantu benu ! Lemk' izwe nezizwe
Sikala ngakona siti maibuye, ivuse
inimba yakuma kowayo.

Taruni zintlambo zase South Afrika
Taruni matafa ! Ezwe lako wetu
Nanko senilinywa zinqwelo zomlilo zi-
pala ngecala njenge nkunzemfene.
Buya M'afrika yaqengqelekana yonke
iminyaka umindaweni nye.
Hleze zingatotywa kwanemvula kuwe
hleze nezibeto zifise usapo.

Camagu ke Langa ! Camagu ke Nyanya
nini amagosa awasipeteyo,
Yinyusen' ingxelo iye ko Pezulu nisi-
tetelele nide nicokise.

Camagu ! Awu !!